



Inombolo yefayili: 12/2/3  
Isalathiso: 20230306-2128

Ingcaciso eMfutshane yeCandelo loPhando: 0001/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

**Isihloko: Ukukhutshwa kweziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe iWCED zango-2022 kumaBakala 3, 6 no-9**

1. Ngo-Oktobha 2022, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liqhube iiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo kwiMathematika nakwiiLwimi kumaBakala 3, 6 no-9.
2. Iziphumo ziya kufumaneka kwiCEMIS ngowe- 16 KweyoKwindla 2023. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zizifumane iziphumo zazo ngokukhawuleza ukwenzela ukuba zizibandakanye kwiziCwangciso zoKuphucula izikolo zazo.
3. Iingxelo eziya ezikolweni ziya kunika iireyithi zokupasa namanqaku angumndilili azuzwe sisikolo ngasinye, ziphinde kwakhona zibonise indlela ekuqhutywe ngayo kwiinkalo ezithile kwiilwimi nakwimathematika.
4. Zikwabandakanya neeNgxelo ii-*Diagnostic Reports* ezenza iqondeke kakuhle indlela abaqhuba ngayo abafundi ngokwemigangatho yovavanyo emiselweyo.
5. IiNgxelo zeZikolo (*School Reports*) nee-*Diagnostic Reports* ziyafumaneka kwiCEMIS yaye zinokufunyanwa ngolu hlobo lulandelayo:
  - Khetha i-ayithem yemenyu "Assessment and Exams" uze ukhethe u-"Systemic Test Results 2019". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo:
    - KwiBakala 3, khetha "Grade 3 Results 2022". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report*, *Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.
    - KwiBakala 6, khetha "Grade 6 Results 2022". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report*, *Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.

- KwiBakala 9, khetha "Grade 9 Results 2022". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report, Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.

Kumele ukuvela le ngcaciso ikhutshelweyo (downloaded) kwiskrini.

- Ukuba ingcaciso ayiveli, yiya kwi-menu bar phezulu uze ukhethe u-"Tools". Emva koko khetha u-"Pop-up Blocker", uze ukhethe u-"Turn-off Pop-up Blocker" uklikhe.
  - Kwakugqitywa oku, khetha libe linye kula mabakala ukujonga iziphumo.
6. Malunga nayo nayiphi imibuzo ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane, kucelwa uqhagamshelane negosa elijongene nesithili sakho njengoko kucacisiweyo kule theyibhile ingezantsi:

<b>Umntu emakuqhagamshelwane naye</b>	<b>Isithili semfundo</b>
Mr Meshack Kanzi, ifoni 021 467 2350 <a href="mailto:Meshack.Kanzi@westerncape.gov.za">Meshack.Kanzi@westerncape.gov.za</a>	<i>Metro East and Metro North</i>
	<i>Cape Winelands and Overberg</i>
Mnu Vumile Nyalashe, ifoni 021 467 9350 <a href="mailto:Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za">Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za</a>	<i>Metros Central and South</i>
	<i>West Coast and Eden Central Karoo</i>
	<i>Izikolo ezizimeleyo</i>

Iyabulelwa intsebenziswano yenu malunga noku.

Owenu ngenene

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS  
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**  
**UMHLA:** 2023-03-20